# Yimbongikazi Nontsizi u Chizama.

Pulapulani! Nizakuva!
Uqekeko lwe South African
Native National Congress,
Ingelulo oluka Rev. Maxeke B.A.,

1 Hawulele! Hule!
Ndanditshilo mna Nontsizi,
Iminyanya yakowetu
Ayibambani neye Xelegu.

2 Siyapuma egusheni
Sidiniwe kuncwela
Ukuba Siyancwela
Ingab'asinanyani.

3 Uqekeko luka Maxeke?
Walulibala ke nawe
Mfondini wakowetu
Olwe National Congress.

4 Namhla Sigagene
Tyapile wenjenje
Utyile amanyala
De ndakufumana.

5. Kaukwezele!
Nto ka Magkatho (President)
Nandzo intlantsi
Namhlanje ziq'uq'umba
Hule! Bo.

6 Uti u Xego-Dala
Isizwe simangele
Kuba i National Congress
Seyidliw'amaq'ashu.

7 Abantu bayapela
Kukufunzwa eweni
Ndindim ngendimlumela
Nowalat'izibuko.

8 Ha-la-la! Sasitshilo
National Congress
Boze bona bakubone
Oc'ul'ukunyatela.

9 Kaukangele ke
Uqekeko lwako
Kwanokummangalisa
Kokutyatyambileyo,

10 Yi Cape Native Congress!
Bantu Union!
Zulu osebenzela ekaya!
Ne Zibuko esingazi ngomso.

11 Yiyipina ke kuzo
Eginyisa amate
Nenika abantu itemba
Lokubuyiswa kwe Afrika?

12 Uti oka Maxeke B.A.,
Yatshona i Afrika
Ngo Funz'eweni base Kapa
Kunye nabase Jeppe.

13 Uti u Xego-Dala
Wase zibukweni
Namhlanje makaguxane
Amaxok'omabini.

14 Kuba o Funz'eweni
Bashumayela
Abangakwamkeli ku Congress
Bakwenze indaba ze sizwe.

15 Imkile i Natal Congress
Ngenxa yabo
Imkile kwane Free State
Nantsiya ne Koloni izintlantlu
ngentlantlu.

16 Uti ke yena oka Maxeke (B.A.,)
Ungasemoyeni
Imikwa yabo kudala
Ayikangela wancama.

17 Uti oka Maxeke (B.A.,)
O Funz'eweni abasazi
Nalapo mabapate
Bayeke kona.

18 Bati oka Maxeke
Utengisa nge sizwe
Kanti kudala bona
Basitengisa kuqala.

19 Yatshona i Afrika ngabo
Kuba nenkanunu ze Congress
Nandzo zigquma
Ziqekeza amabandla.

20 Uti ke oka Maxeke (B.A.,)
Umdala okade ubalisa
Namhla o Funz'eweni
Uyabotula ezintabeni.

21 Hawulele! Hule
Latsitsa namhla ibhunga
Igazi lase Bhayi
Libuya nezimanga.

22 Sifunze! Kakubi!
Sifuna! Izibuko!
Asikusela ezadungeni
Ngokoyik'ukuteta.

23 Isizwe asiwafuni amaramnca
Avele ngomx'ak'emngxunyeni
Angenantlonipo ngumntu
Nangatembekiyo.

24 Vuka! Nto ka Makgatho
Wapepeza na Umoya?
Ungawazi apo uvela kona
Nalapo usinga kona?

25 I-Congress iqekezwa
Ngo Funz'eweni base Jeppe
Abamana beyipanda
Bexel'amahlungu'lu.

26 Uti ke oka Maxeke (B.A.)
Uyayicima namhlanje
Imisebenzi yabo
Njengelifu elingqingqwa!

27 Itsha nganina
Indlu ye Congress?
Azi babebone ntonina
Osivuma-ngamehlo.

28 Lumkelani! Iyatshona
Inqanawe ye sizwe
Nina nisalibele
Kukuqwit'ezidosheni!

29 Bekungekonto ikakade
Ibingade igqite nto
Kubantu abazicingela
Ukuba bangabantu bodwa

30 Vuka ke Nto ka Makgatho?
Ufune Izibuko
Nango umoya ukuq'ola
Wevumba elitshonisa
Inqanawe ye sizwe
Camagu ke! Mahlala bemsusa!